



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 11

NOVEMBA 2011

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO(FAL) – P1

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 10.

IMIYALELO:

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMATHATHU, umzekelo ICANDELO A, ICANDELO B neCANDELO C.

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)

ICANDELO B: Isishwankathelo (10)

ICANDELO C: Ukusetyenziswa kolwimi (40)

2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
4. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Landela imiyalelo ngocoselelo.
7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Fundisisa esi sicutshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

EZOLUTSHA**UFAT CHARLIE WOLULEKA ULUTSHA**

Mlisela nomthinjana khanicinge le nto: Udibana nendoda ekhangeleka indala, ilumkile yaye ikonwabisa ngaphezulu kwabahlobo. Ube ngumhlobo wayo kuba ukonwabel'ukuba kunye nayo. Inabahlobo abaninzi kodwa nonke unenza nizive nibalulekile kuye.

Kungekudala ningumtya nethunga nale ndoda. Yona ikukhuleka ngetyathanga emqaleni kodwa wena awuboni. Kuthi kusuka ibe ifuna ukuba ube nomhlobo oyiyo kuphela yaye nokuba ungaba uthi ungazama ukuphuncula iza kukutsala ngelaa tyathanga ikubophe ngalo.

Ivakala ngathi yifilim eyoyikisayo le, andibi? Xa uhleli ubukele le filim ungacingel' ukuba lo mntu usisihiba njengabantu abaya ezindlwini ezinemimoya emdaka behamba bodwa. Kutheni evumela le ndoda imkhuleke? Yicinge nawe le nto! Awusoze uvumele mntu ukuba ayenze loo nto kuwe, andibi? Imbi ngaphezulu kwengcinezelo!

Baninzi kakhulu abazivumelayo izinto ezilolo hlobo ukuba zibehlele yaye ndiqinisekile ukuba niyabazi abanye babo. Kaloku le ndoda ayikho mnyama ayikho mhlophe, ziziyobisi ezi yaye zimenza loo nto umntu. Ekuqaleni zikwenza isinhanha uze uzithande uzamkele kodwa kungentsuku zatywala ziya kukhuleka kube nzima ngolona hlobo ukwahlukana nazo.

Musa ukutya iziyobisi. Kukangaphi uweva la mazwi?

Ubukela imidlalo, uphulaphul'ititshala, uya kwiindawo ekulunyukiswa kuzo ngeziyobisi apho umamela amabali oyikisayo abantu ababesity'iziyobisi uyamazi unobangela wokuba kuthiwe iziyobisi azilunganga. Aziyilungelanga impilo yakho. Ziyabulala. Zikwenza uzibone sel'ujongene nezikrelemnqa ezithengis'iziyobisi. Zikhokelela ekuthengiseni ngomzimba. Kulwaphulo-mthetho, zikwenza ubele abazali bakho ukuze ufuman'imali yokuzithenga.

Yonke le nto uyayazi. Wonk'ubani uyayazi- kodwa loo nto ayibathinteli abany'abantu ekutyeni iziyobisi. Yintoni ingxaki? Kutheni le nto abantu bengawuva kakuhle lo myalezo?

Abanye bathi kungenxa "yoxinzelelo lweentanga" – ayisosizathu esivakalayo eso kufana nokuthi. "Bendingafuni mama bandinyanzele". Abanye benziwa ziimeko abakhulele phantsi kwazo njengokuxhatshazwa ekhaya, ukuba neengxaki esikolweni okanye ukudandatheka uze ufune ukutshabalalis'ubomi bakho. Kodwa baninzi abantu abatsha abaneengxaki ezikumila kunje kodwa bangabheneli kwiziyobisi. Impendulo ilula kakhulu.

Nangona ezi zinto sizikhankanyileyo ziyidlal'indima kodwa abantu bazitya iziyobisi kuba zibenza bazive bemnandi! Oko kuziva mnandi ke kukwenza uwalibale naloo mabali oyikisayo oweva ngabantu abadala. Iziyobisi zikwenza uzilibale iinkxwaleko zakho okomzuzwana, kuphel'ungazithembi, usizi, ukoyika nokufun'ukuxhomekeka. Ungade wenz'isigqibo sokutya iziyobisi ngenxa yokuba ubona ngathi wonk'umntu ufuna ukukulawula.....

Yiyo loo nto amaphulo amaninzi alwa neziyobisi eba neengxaki. Alumkisa ngezinto ezikhoyo yaye akalibali ukuthi: iziyobisi ziyabulala kodwa ambalwa atshoyo ukuba zingatyiwa iziyobisi. Awatsho ukuba 'Musa ukutya iziyobisi, Naxa la maphulo ecebisa ngemakwenziwe kuvakala ungathi yintsomi'. Umzekelo amanye athi zibandakanye kwimidlalo, uzigcine usempilweni kodwa udandatheko olukhokelela ekutyeni iziyobisi luntama ukuba awunawo amandla okudlala imidlalo eza kukugcina usempilweni. Ayisithi sonke esithand'imidlalo. Kufana ngwa necawa, abanye iyabanceda ukanti ayibancedi abanye.

Khumbula ukuba kubalulekile ukuba umntu azikis'ukucinga kuba ubomi bunamahla-ndinyuka. Nokuba wenza ntoni na, abantu baza kukukhathaza, uza kuphoxeka, uza kuwazi ukuba amaphupha ayatshabalala maxa wambi. Bunjalo ke ubomi kumntu wonke! Kodwa uya kuhlala unamandla angecala lakho, mandla lawo angaphezulu kwento yonke. Awusoze ukwazi ukuzilawula izinto ezenzeka kuwe kodwa uya kuhlala unawo amandla okumelana nemeko okuyo. Zinzima iingxaki esimelana nazo ebomini. **Uthi ke usakufikelwa yingxaki uzikhethela wena ukumelana nayo uzame ukuyisombulula nokuba kunzima kangakanani na.**

Kunamaxesha apha ebomini apho usiva umthwalo uxibilikile emagxeni akho kube kukho umntu osengxakini enkulu, umhlebe wena kuba izinto zikuhambela kakuhle, khumbula ukuba yena uza kuphumelela ube wena usahleli kuloo ndawo ukuyo. Nguwe ozikhethelayo ongakunqanda ekutyeni iziyobisi njengoko kungekho mntu ungakukhusela kwiinzingo zobomi. Ukutya iziyobisi kuye kukhangeleke kusiza nesisombululo kwiingxaki onazo kodwa kubalulekile ukuba ucinge ukuba ziza kukusaphi na.

[Singcamla ingqaka, Isigaba 10 Iphepha 171-172]

- 1.1 Ngubani lo wenza le ntetho kwesi sicutshulwa? Iyintoni injongo yakhe? (2)
- 1.2 Umlisela nomthinjana ngabantu abangootata: Yinyani okanye asiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.3 Ungambona njani oyena mntu ungumhlobo wenene? Chaza (2)
- 1.4 Lo mhlobo umbhali athetha ngaye wahluke njani kulo mhlobo umchaze apha kuMBUZO 1.3? (1)
- 1.5 Chonga isivakalisi esithetha ukuba akululanga ukohlukana nale ndoda. (1)

- 1.6 Isilwanyana esidla ngokukhulekwa ngetyathanga entanyeni yi:..
- (a) yibhokhwe.
 - (b) yinja.
 - (c) yingonyama.
- Khetha impendulo ibeNye kwezi zingentla. (1)
- 1.7 Nika intsingiselo yeqhalo okanye isaci esikwindinyana yesibini kwesi sicutshulwa singentla. (1)
- 1.8 Nika isichasi segama 'isininhanha'. (1)
- 1.9 Nika isifanokuthi segama 'ukudandatheka'. (1)
- 1.10 Umbhali xa athetha ngeziyobisi kwesi sicutshulwa uthetha ngendoda: Sesiphi esi safobe asisebenzisileyo? (1)
- 1.11 Iqhalo okanye isaci esingqamene nesivakalisi esibhalwe ngqindilili apha ngasentla siqala ngolu hlobo: Indlovu Gqibezela. (1)
- 1.12 Ingaba yintoni ebangela ukuba kuthiwe iziyobisi azilunganga? Chaza (2)
- 1.13 Ingaba ulutsha lunolwazi ngeengozi eluthi lujongane nazo xa lusebenzisa iziyobisi? (1)
- 1.14 Zinto zini ezibangela ukuba abantu bahendeke bazibone sele besitya iziyobisi? (2)
- 1.15 Ingaba urhulumente woMzantsi Afrika unalo uncedo alunikayo kubantu ekuye kwacaca ukuba abakwazi kwahlukana neziyobisi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.16 Igama elikrwelelwe umgca apha kwesi sicutshulwa singentla lenze msebenzi mni? (1)
- 1.17 Umbhali ucebisa ukuba malwenze ntoni ulutsha ukuze lungadibani neziyobisi? (2)
- 1.18 Kufanele umntu enze ntoni xa athe wadibana namahla-ndinyuka obomi anokubangela ukuba azibone esebenzisa iziyobisi? (2)
- 1.19 Ukusebenzisa iziyobisi kususombululo kwiingxaki onazo: Ngqina okanye uchase olu luvo. (2)
- 1.20 Nika intsingiselo yala mabinzana alandelayo:
- (a) Uva umthwalo uxibilikile
 - (b) Kungentsuku zatywala. (2)

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

- Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukusishwankathela ngamazwi akho ungadluli kumagama angama-50 – 60.
- Bhala inani lamanqaku ekupheleni kwesishwankathelo.
- Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.

Ulwabiwo lwamanqaku:

- Khupha iingongoma ezisixhenxe. (7)
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo. (3)

UBUTYEBI BUSEZANDLENI ZAKHO

“Ayisemihle le misimelelo yakho uyenzayo! Loo nto kubonakala ngathi eli shishini lakho limile, yaye liqinile.” Wavakala esitsho uSindile, ebhekisa kumfo okwisiphambuka sendlela eya eRhini elokishini xa uphuma kuhola wendlela uN2, eya eBhayi ivela eQonce. Lo mfo waqala kancinci, esenza imisimelelo emibalabala, eyakha ngemithi efumaneka kuloo ngingqi. Kungoku nje abahambi bema apho ibe ngukheth’oyithandayo. Kanti ke ezi ntonga zakhe zithengiswa nasezivenkileni ezithengisa izinto zobugcisa zaseAfrika.

Lo mfo wasuka wahleka kancinci akuncoma uSindile. Uphendule ngokutyhafileyo esithi, “Ndiyabulela mntu wasemzini, ndaliqala kancinci eli shishini. Ndisuka ekubeni ndilale ndisele amanzi, ikati ilele eziko. Ndacinga, ndacinga, ndaphuma nesi sisombululo. Kunamhlanje nje ezi ntonga zithengwa emazweni.” Kunyanisiwe xa kusithiwa esiphilayo sesithwethwayo, esihleliyo sidl’ukuhlala. Asililo ixesha levila eli. Ukuba uzivalile izandla zakho qonda mhlophe ukuba uvalele imali ngaphandle. Khumbula kaloku neBhayibhile ithi uThixo usikelela umsebenzi wezandla.

Ngemini elandelayo kwakuza kuqala umnyhadala wezobugcisa apho eRhini. Wen-a-a ! Wabamba ongezantsi uSindile ngumsebenzi wezandla owenziwe ngobuchule. Wayeba ngaya kweli iqonga adumb’intloko. Wayengawuvali umlomo.

Wakhumbula ukuba utitshala wabo obafundisa izifundo zezakhono zobomi uhlala ebaxelela imihla nezolo ukuba impumelelo kubomi banamhlanje asilolwazi luninzi kuphela, koko kukwenza ngezandla. Namhlanje wayezibonele ngawakhe amehlo. Wayesithi elapha abe ephaya. Kwakukho nezinto zokuhombisa ezenziwe ngocingo zaza zapeyintwa ngeepayinti ezimibala-bala. Ulichule umntu! Kufuneka umntu ngamnye azi ukuba ubutyebi busezandleni zakhe, kufuneka qha athathe isigqibo azimisele ukusebenza nzima.

[IsiXhosa Ngumdiliya, Greyidi 11, Iphepha 108-110]

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3**

Fundisisa le ncoko ikwezi bhaluni wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:



- 3.1 Kwibhokisi yokuqala kukho amagama azizihlanganisi, wakhuphe. (2)
- 3.2 Khetha igama elisilanduli kwibhokisi yesibini. (1)
- 3.3 Igama 'ukunqanqatheka' lithetha ukuthini? (1)
- 3.4 Tshintsha ibinzana elibhalwe ngqindilili kwibhokisi yesithathu libe kwixesha elizayo. (2)
- 3.5 Igama 'uye' obhalwe ngqindilili okwibhokisi yokuqala wenze msebenzi mni? (1)
- 3.6 Khupha igama elisisikhuzo unike nomsebenzi walo kwesa sivakalisi. (2)
- 3.7 Chonga igama elisisihlomelo kwibhokisi yokuqala unike nodidi lwaso. (2)

UMBUZO 4

Yonwabela le ncoko yesi sibini wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

Manhonho: He mfo! Umvile uProfesa xa ethetha ulwimi lwenkobe kumabonakude?

Nkojela: Hayi Ntwana yam andimvanga. Ubesithini?

Manhonho: Ukhuthaza ukuthetha isiNtu lo nto yena uyasithetha nam lo uyandogqitha.

Nkojela: Uthi masenze ntoni ngolwimi lwenkobe singayi ndawo nalo nje?

Manhonho: Hayi akunjalo, uthi ikhona imisebenzi esinokuyifumana xa sigqibile ukufunda xa sithe senza izifundo ezidibene nolwimi lwenkobe eUniversity.

Nkojela: Nyani! Imisebenzi efana nantoni na? Andiyigethi tu mna.

Manhonho: Uthi ungayintatheli, igqwetha nogqirha njl njl.

Nkojela: Lunzima ulwimi lwenkobe. Uyayiva nawe into enenkobe phakathi. Uyayazi kunzima nokuzihlafuna. Sinolwimi lwethu thina esilaziyo isiNgesi andifuni nokuziduba ngale uthetha ngayo into.

Manhonho: Hayi, mandikuyeke xa use udibanise nombona ngoku. Mna ndiza kulufunda ulwimi lwenkobe kuba ndifuna ukuba ngugqirha. (Bohlukane)

- 4.1 Sebenzisa isiqu sesibizo u – ntu ukubonisa ubuninzi. (1)
- 4.2 Lisetyenziswe njani igama elibhalwe ngqindilili kumgca wokuqala kule ncoko? (2)
- 4.3 Nika amagama amkekileyo esiXhoseni endaweni yala magama akrwelelwe umgca apha ngasentla. (2)
- 4.4 Kwintetho kaNkojela kukho igama elisisibanjalo, lichonge unike nodidi lwesibanjalo eso. (2)
- 4.5 Sithetha ukuthini isithethi esithetha ngolwimi lwenkobe apha ngasentla? (1)
- 4.6 Nika igama elipheleleyo lesifinyezo esifumaneka kwintetho kaManhonho. (1)
- 4.7 Khangela isimelabizo kwintetho kaManhonho unike nodidi lwaso. (2)

UMBUZO 5

Nika umsebenzi owenziwe sisimamva ngasinye esibhalwe ngqindilili kwezi zivakalisi zilandelayo.

5.1 Bakhona abantu abacinga ukuba bayathandwa xa bengaboniswa iimpazamo zabo.

5.2 Inkosikazi yonyana kaDolo intle.

5.3 Unomsa yintwazana efanelekileyo kwaye entle ngenkangeleko.

[3]**UMBUZO 6**

Lungisa iziphene kwesi sicutshulwa silandelayo.

Abantu basesikolweni bayamthanda umbona ophekiweyo. Loonto bade bakhethe ukuhlala ecam komgqomo lo upheka kuwo. Kwabantu basemakhaya ingakumbi abasemncotsho sele isisiqhelo into yokutya umbona nasekuseni bevuka.

[6]**UMBUZO 7**

Nika igama elinye elifanelekileyo ngenkcazelo nganye ekrwelelwe umgca kwezi zingezantsi.

7.1 Uyayithanda ke inyama uSigingqi kubanzima nokunika amakhwenkwe la nyama yawo.

7.2 Inyama yenkomo iyakuthanda ukuhlala phakathi kwamazinyo ize ifune ukukhutshwa ngokhuni.

7.3 Abantu abakuthanda gqitha ukutshaya uya kufika amazinyo emnyama yintshongo.

7.4 Umntu othanda ukuthetha izinto ezihlekisayo uyakumva ehlekisa ngaloo mazinyo ajike amnyama licuba.

[4]

UMBUZO 8

Tshatisa iqhalo okanye isaci esikuKHOLAM A nentsingiselo yalo ekuKHOLAM B.

KHOLAM – A	KHOLAM – B
8.1 Inkungu ilala kwintaba ngeentaba.	(a) Akukho mntu umhle kwaphela elowo unayo into engalunganga ngaye.
	(b) Kubhekiswa kubantu abavanayo.
8.2 Isandla sihlamba esinye.	(c) Umntu akaneli kukuva nokubona omnye umntu esengxakini naye ufuna ukungena kule nto idala ingxaki kuba naye ufuna ukuyiva apha kuye.
8.3 Akukho nzwana ingenasiphako.	(d) Le nto ibuhlungu kuwe nakomnye iyeza azifiki ngexesha elinye iintlungu.
8.4 Intlaka nexolo.	(e) Umntu olungileyo uyamfumana umntwana ongafani naye ngesimo.
8.5 Isiziba siviwa ngodondolo.	(f) Ufuzile lowo yimikhuba yakowabo leyo.
	(g) Kuyancedwana

[5]**AMANQAKU ECANDELO C: 40****AMANQAKU EWONKE: 80**

